


# NGOKHOLO, UMOSES

 Enkosi, Mzalwane uNeville. Molweni, bantu. Kulungile ukubalapha namhlanje emnqubeni. Kwaye ndikhe ndacinga mhlawumbi ukuba ndinokwenza uMzalwane uNeville athethe ngale ntsasa, ndizakuzama ngobu busuku. Kwaye bendijonge emva ngoko kwisifundo sesikolo seCawa ukwenzela le ntsasa. Kwaye enjani i . . . iNkosi ivuma, sizakuzama uku—ukubamba esi sifundo sesikolo seCawa.

<sup>2</sup> Ngoku, bekusele kuziveki ezimbini ngoku, malunga, kususela oko ndingenile. Kwaye bendisoloko ndiphakuphaku njengoko niqonda, ukuba, entsimini, ndiye ngenene, ngenene ndadinwa ndaze ndangabinako ukuqhubekela phambili. Kwaza kwafuneka ndingene ukuze ndifumane ukuphumla kancinane. Kwaye ndithabathe malunga neentsuku ezintathu ndehla ukuya eWolf Creek Dam, ezantsi eKentucky, apho ndazalelwa khona. Ndacinga, “Owu, ndiziva ngokumangalisayo ngoku. Ndiphilile.”

<sup>3</sup> Ndaze ndabuyela ekhaya, yaze into yokuqala encinci endidibene nayo ebusweni yaba luhlobo oluthile lweyaseburhulumenteni inyewe engokwezerhafu. Ndahamba yonke indlela ukuya ezantsi kwakhona. Ke ndiqondile ukuba kuyakuthabatha ngaphaya kweveki okanye ezimbini ukuze ndiphumle.

<sup>4</sup> Kwaye ulungiselelo lwam sele luzakutshintsha ngoku. Kwaye andinamihlangano icwangcisiweyo. Kwaye seso isizathu sokuba nje khe ndithi gu bucala, ndicingile, kwaye ngoku kweziveki zibalwa zizayo, ndizakukhe nje ndithabathe ikhefu, uphumlo ngokupheleleyo, ndize ndilindele eNkosini.

<sup>5</sup> Kwaye uninzi lwenu bantu abalapha, abasele benethuba, abebekunye nathi ixesha elide, niyakukhumbula oko iNkosi yakuthethayo kuthi, Yena usoloko ekwenza oko Athe Uyakukwenza.

<sup>6</sup> Khumbula, xa kwasekuqalekeni, apha enkonzweni, ngentsasa esathi sabeka ngayo ilitye lomnquba, uhlobo awathi Yena . . . Ibhaliwe, kwaye ihleli elityeni, kuqweqwe lweBhayibhile yam. Ngalo ntsasa, loombono mkhulu, wathi, “Lo asinguwo owakho umnquba.”

<sup>7</sup> Ndathi, “Uphi wona, Nkosi?” Waze Wandibeka phantsi kwesibhakabhaka. Laza Izwi leza. Ndaza ndajonga ndabona loominqamlezo mithathu, kanje, imithi kunye nesiqhamo sayo, nokunjalo. Niyawazi into oyiyo umbono. Ubusoloko ubhaliwe, iminyaka.

<sup>8</sup> Ndachola, ngenye imini, incwadi endala phezulu phaya, ndifunda ezinye zezinto iNkosi eyazithethayo, kwangaphambili;

nesezenzekile. Malunga nezi zobunjubaqa izinto, namalunga nohlobo imfazwe eyakuza ngalo, kwaye zonke ezozinto selezintlithile.

<sup>9</sup> Kusele nje zimbini, kwenye yezoziprofeto zikhulu. Okuthi, iinqwelo-mafutha zibesendleleni ngesilawuli esichaseleyo, zikhangeleka okweqanda, kuphela awuyiqhubi. Iyazilawula. Kwaye kuyakubakho omkhulu umfazi enyuke, kuba iMelika ililizwe lomfazi. Kwaye iyaku. . . Omkhulu umfazi uyakunyuka, abe nguMongameli okanye okuthile okunjalo, elizweni. Kuze ngoko kufike ukutshatyalaliswa ngokupheleleyo. Isizwe siphela siyatshayelwa singabikho.

<sup>10</sup> Ndaye, oko, ndiyaqikelela. . . Ngoku asiyiyo iNkosi ethetha oku. (Okunye, malunga nomfazi, yiyo, yiNkosi.) Kodwa ndaqikelela, ngo1933, ukuba ihlabathi liyakutshatyalaliswa ngokupheleleyo phambi ko '77.

<sup>11</sup> Ke, ndandingekayazi ke ngoko ukuba banayo into enokwazi ukulinyibilikisa njengokuba benayo ngoku, kodwa ndabona isizwe sisekutshatyalalisweni okupheleleyo, kuziziphunzi zemithi nezinto ezinjalo, eziseleyo.

<sup>12</sup> Ke, kusendleleni yako. Kwaye ukuba zonke ezinye ezi izinto zifike zedlula njengoko Yena watshoyo, kuya kuba njalo; nanjengokuba Wathethayo kwiSibhalo apha, oko Akuthethayo. Ukuba uKristu weza okokuqala, Uyakuza okwesibini. Zaye zonke izinto Azithethileyo ziyakwenzeka. Kwaye ngokungqamanayo sibona oku, sibe sisazi ukuba si. . . inani lethu sele lizakubizwa, njengesizwe, sisazi ukuba iBandla selizakuthabatha uXhwilo lwaLo. Kuyayigungqisa intliziyo yomlungiseleli, okanye neyipi na yelungu, ukuyazi ukuba sikulomhla nelilixa esiphila kulo. Lelona xesha apho nawuphina umntu owakha waphila emhlabeni, lilo kanye ngoku; oko kuthi, kulo iBandla. Ke, ndiyinqwenela ngokuqinisekileyo imithandazo yenu.

<sup>13</sup> Ndikhe ndabona emnqubeni, kwaye ndibonile ukuba bebenalo. . . bebezakubanoluthile uphindo-nyulo nako konke, ebandleni, lwamanye awebhodi nokunjalo.

<sup>14</sup> Ne—nebandla lidinge intlanganiso encinci, ukuzanyiswa okuncinane. Naye nasoloko ninobubele, kwaye nindisikelela. Nam ngokuba lapha, kukhangeleka ngathi bekuyintsikelelo kuni. Kwaye ndiqinisekile, ukuba nani, bekuyintsikelelo kum. Naye nisoloko nikwamkela oko ndithe kuyiNyaniso, njengoko ndikubone ngoThixo. Kwaye ndi—ndiyakuthakazelela oko.

<sup>15</sup> Ke ngoko, ndiqale khona, kwaye ngoko bendizakufumanisa, ndize ndenze ibandla lethu lithi tye, kwibhodi yalo, kunye nokolonyulo nokunjalo. Kwaye ngoko—ngoko, ndicinge, emva koko, ndiphume ndaya kuphumla kancinane phambi kokuba ndibuyele entsimini kwakhona.

<sup>16</sup> Yigcineni phakathi kwenu. Ngoku, ayisiyiyo yabo abangaphandle. Yeyalo umnquba. Sifuna intlanganiso nalo umnquba, ukuze yonke into, nayo yonke impazamo, zonke izinto ebezikade ziqhubeka, nokuba mhlawumbi ziimvakalelo ezincinci zisuka komnye zisiya komnye; abo, ndizakubafumana bonke ngabanye ndibadibanise ubuso-ngobuso. Ke ukuba awufuni kujamelana nayo, kungcono uvele ulishiye ilizwe; kuba uyawube ujamelene nako konke kwayo, kanye olwahlobo sasikade sisenza ngalo apha emnqubeni. Kuze konke kugudiswe, ngoba singabazalwane noodade abophule umthendeleko, uMzimba kaKristu, ukunqumleza itafile yeentsikelelo. Kwaye akekho omnye ngumtyholi yedwa onokwenza into ephosakeleyo, aze abangele iimvakalelo, okanye akrazule, nokuba yintoni na enjalo. Ndaye ndithabatha owethu uMzalwane uNeville, size siye kwindawo nendawo, sizise abantu ebantwini, sibamanye, de umnquba omdala ubuye, usekwe kwakhona, ume ngeenyawo, uvane ngexxa yobuKumkani bukaThixo. Ngoku, esi siso, isizathu sokuba ndithethe oku, kungokuba kulifanele eli lethu iqela lincinane apha ngale ntsasa.

<sup>17</sup> Kwaye ngoku ndizakukhe ndiphumle, ndize ndibuye nje ngokukhawuleza endinokuba nako. Ngoko koko ndilindele ukumka ndiye entsimini kwakhona. Kwaye kweli ityeli, iNkosi ivuma, ndifuna ukuthatha lontwana sele siyenzile engxoweni, nokunye okunjalo, okukokwam, kukhutshwe e... le yangaphandle inkqubo yovakalisa. Ndizithengele intente entsha, nezithile izixhobo ezintsha, ndiqalise entsimini. Hayi ukusuka kwinkonzo uye kwinkonzo, kodwa ekuyeni kweyeyethu imihlangano.

<sup>18</sup> Ngoku, kungekuba andibananzanga abazalwane bethu abandimileyo, nto leyo imangalisayo. Kodwa okuninzi kwako konke kwayo, ufumana ukuba kwezingqungquthela, baye bathi siyakube silapho, baze bonke abahlobo bakho bangene, kuze kube lolukhulu ugqogqo lwemali. Ibafunxela phantsi abo bantu. Ndisandula ukufumanisa oko, uyabona. Ke oko aku—akulunganga. Sifuna ukuba nendawo apho siyakuthi sibazise khona. Awunyanzelekanga uze namali yakho. Vele nje uze, wena buqu, u—ukhonze iNkosi. Yabona? Kwaye ke ngoku...

<sup>19</sup> Nolungiselelo lwam luthabathe utshintsho ngoku. Nisakhumbula xa ndandidla ngokuthabatha isandla somntu, ndize ndime nje phaya, ize iNkosi indixelele ukuba babehlutshwa yintoni. Yathi, “Ngoko kusaya kwenzeka, ukuba wena uzazi iimfihlo zentliziyo yabantu.” Nonke kuni niyazi ukuba oko kweenzeka nje ngokugqibeleleyo ngendlela Ekwathethwa ngayo. Ngoku eli linyathelo elilandelayo, nebeliprofetiwe lwaza lwaxelwa kwangaphambili, neliyakuba kude le ngaphaya kwayo nayiphi na kuYo, niyabona. Kwaye kanye ngoku ikutshintsho.

<sup>20</sup> Kwaye eso sisizathu sokuba uSathana andilwe ngerhafu yengeniso, ezama ukundixelela, urhulumente, ukuba ndibamba irhafu yengeniso kwipeni nganye endiyithabathileyo, njengomlungiseleli, kususela kwiminyaka engamashumi mabini anesixhenxe eyadlulayo, ekungeneni kulungiselelo. Akunjalo, ngoba ibidlula apha ebandleni.

<sup>21</sup> Ndilithenjwa lelibandla. Injalo kanye lonto. Iselugcinweni apha. Ke, ngoko, ukuba ndilithenjwa-nongxowa weli bandla, ngoko akukho nto ehlabathini. . . Urhulumente akanayo kwanto yakwenza nalonto. Ababuzi kwibandla. Babuza kum ndakuba ndingu nongxowa webandla. Kwaye amathenjwa atyikitye iphepha elisebhankini phaya, ukuze zonke izimali. . . Ndaweni yokuba ndibenesiseko esisesam, ndiyidlulisa ebandleni lam apha, ngoba lona ngokuzenzekelayo sisiseko, kade.

<sup>22</sup> Kwaye ukwenza lonto, inceda mna ukuba ndiyeke ukubaleka ndimke ebandleni ndilishiye, andize ndiphume ndakuba ndingeyonto apha. Emva koba ndabathembisa abantu ukuba ndiyakubuyela ebandleni, amatyeli ngamatyeli, ndize ndibancede. Seso isizathu sokuba ndiyigcine ngolohlobo, ngoba ndenza isithembiso kuni bantu. Ngulowo unobangela wokuba ndihlale nayo ngalandlela, endaweni yokufumana umntu. Ke, ukuba wenza lonto, iyigibisela embuthweni. Ndaye ndingochasene mpela nombutho. Ke ndi—ndiyakuyigcina iloluhlobo ilulo, ezandleni zikaThixo, ukuze siqhubekele ubuKumkani bukaThixo.

<sup>23</sup> Ngoku, ngale ntsasa, sifuna ukufunda eli lakudala lisikelelekileyo iLizwi, size sikholwe.

<sup>24</sup> Ngoku, ndifuna ukuthi, kananjalo. . . ndibona uMzalwane uEgan nabaninzi, abanye bamathenjwa ehleli apha, emva kokuba besikhe sabanetlanganiso yethu yamathenjwa, ngobunye ubusuku; yinyaniso, mna esidlangalaleni phambi kwebandla, ukuba ngamnye kuni nonke anisengawo a—amathenjwa akhonjiweyo. Ningonyuliweyo amathenjwa, kwaye amagama enu asezincwadini. Kulungile.

<sup>25</sup> Kwaye ngoku bazakubamba olunye unyulo lwa—lwama dikoni, nokunye okunjalo. Kwaye uMzalwane uNeville yena, uyakubabiza abo kwangoko nje emva kwenkonzo, kulungile, kwa nawo amathenjwa njalo njalo, njengokuba simisela ibandla. Sifumane, konke okwangasemva, kume ngendlela, sandule ukubamba imvuselelo njengokuba isiza.

<sup>26</sup> Ngoku, nje phambi kokuba sityhile amaphepha apha, ukwenzela isifundo sethu sesikolo seCawa, kweliLizwi likhulu loThixo ophilayo, masithobise nje iintloko zethu, imizuzwana embalwa, njengoko sithetha noMbhali waleNcwadi. Kwaye ngoku sibeke bucala yonke ingcinga, yonke into echaseneyo, ukukubamba ungazizuzi iintsikelelo.

Masithandazeni.

27 Ogqithisileyo ngobungwele nobulungisa uThixo, kobaKho obusikelelekileyo ubukho ngokuhlonipheka uBukho siyeza ngoku, sinikela kuWe ngobethu ubomi, kunye neyethu—neyethu imiphefumlo, nemizimba yethu, neenkonzo zethu, neentalente zethu. Nako konke esinako, sikuzisa kuWe. Kwaye njengokuba Ujonga kuthi, Nkosi, ukuba kukho nasiphina isono esize nesingavunywanga, sicela Wena, O Nkosi Thixo, ukuba Uqabe iGazi loNyana Wakho, uYesu, kuloondawo injalo. Kuba, sisazi ukuba thina ngokokwethu asiphelelanga, kwaye akunakwenzeka kuthi ukuba singaze sibe ngabaziphilelayo kuthi ngokwethu. Kodwa sixhomekeke ngokupheleleyo kwiGazi laKhe elixabisekileyo, kunye nobabalo lwaKhe lungenelele endaweni yethu, ukuze thina boni bangenaxabiso sikwazi ukuba ngenye imini singene ngokungafihlisi kobaKho uBukho, sisizisa phambi kwethu eliGazi leNkosi uYesu. Nelilelona, Wena, kumaxesha adlulileyo, waliqonda ngokuba liGazi lowaKho ekuphela komzelelo uNyana, waza wenza isithembiso, sokuba, “NgaYe, ukuba siyazixela izono zethu, siyakugwetyelwa ngobabalo lwaKhe.”

28 Kwaye ngoku besicela, Nkosi, ukuba Usixolele ngayo nayiphina impazamo, nasiphina isono sesigqitho okanye ukungenzi, isikrefo, ukuze nokuba nayiphina ingcinga engendawo igqobhoze umphefumlo wethu, ngeentolo zomlilo zikamtyholi, ukuba Uyakuluqhubela kude olutshaba lubi lwaKho, nolukwalo lwabantu baKho.

29 Kwaye besicela ukuba Uthumele uMoya oyiNgcwele uze uthabathe iLizwi ngeli ixesha, njengokuba sizinikezela njengezixhobo, ukuze Wena uthethe ngathi, uve ngathi, elaKho iLizwi. Sanga nathi singaLamkela ngokunga lisuka kuWe, siyishiye lendawo, namhlanje, siziva ukuba sikhe salungelelaniselwa umba kaKristu; ukuze siyilungele ngcono inkonzo yangokuhlwa nje nangomso, ngenxa yondwendwelo lukaMoya oyiNgcwele.

30 Sikelela abazalwane bethu kwiindawo zonke, amabandla ngokunqumleze ihlabathi, abo babambelele kwiLizwi loBomi kulomhla umbi. Siva ngathi akusekho xesha laneleyo liseleyo ukuze kusetyenzwe, ngoba ubusuku buza ngokungxama. Amafu emfazwe ayandanda kwakhona. Ububi busondele, kwaye siyathandaza ukuze Usiphe ukuba sisebenze ngaphezulu kunakuqala. Phumza imizimba yethu ediniweyo, Nkosi, uze usithumele kwakho edabini. Kuba sikucela eGameni leNkosi uYesu, kwaye ngenxa Yakhe siyathandaza. Amen.

31 Njengokuba sivula, ngale ntsasa, iBhayibhile, kwese—se 11 isahluko seNcwadi yamaHebhere.

32 Koba ngolwesiThathu ubusuku besithetha kwesi sesi 7 isahluko seNcwadi yamaHebhere, eka “Melkitsedeki,

engongenayise, kwaye engenanina, engenasiqalo samihla, okanye siphelo sabomi.”

<sup>33</sup> Ndiye ndacinga, mhlawumbi, ngale intsasa, kuyakulunga ukuba sivule kwakhona leNcwadi imangalisayo, kuba noko sinaso isandlalelo soko sinqwenela ukukuthetha, kwizifundo ezigqithileyo. Size sakutsiba ngaphaya kwese-10 isahluko, nese-9 isahluko, zona ziyimithetho yedini, siyakufika kwindawo yo “kholo.” Kwaye apha kwiNcwadi yamaHebhere, kwese-11 isahluko, size siqale ngowama-23 umqolo, siYifunda ngoluhlobo:

*Ngokholo uMoses, uthe akuba ezelwe, wafihlwa iinyanga ezintathu ngabazali bakhe, ngenxa enokuba bambona ukuba ungunmtwana omhle; abasoyika isimiselo sokumkani.*

*Ngokholo uMoses, uthe akufika eminyakeni, akavuma ukubizwa ngokuthi ungunyana wentombi kaFaro;*

*Enyula kanye ukuba eve iintlungu ndawonye nabantu bakaThixo, kunokuba axhamle iziyolo zesono okomzuzwana;*

*Ekubalele ukungcikiwa kukaKristu ukuba kububutyebi obungaphezulu kobutyebi base Yiphutha: . . . kwaye ekhangele ukwamkela umvuzo.*

*Ngokholo washiya iYiphutha, akawoyika umsindo wokumkani: kuba wakrota, ngokunga uyambona lowo ungenakubonwa.*

<sup>34</sup> Ndifuna ukuthabatha umxholo, ngale ntsasa, “ukukhetha ngokholo.” Kwaye ndifuna ukuthatha umbhalo, lamagama mathathu okuqala sama-23 isahluko, “*NgoKholo, uMoses.*” Kwaye, “ukukhetha ngokholo,” phantse yonke into esiyenzayo, kufuneka sikhetha ngokholo. Kwaye konke oko sifumana ukuba uMoses wakwenza, kufanelwe kukuba kuphindwe, kwakungokholo; hayi ngokubona, kodwa ngokholo.

<sup>35</sup> Kwaye isizathu sokuba ndikhetha oku ngayo lentsasa, ukuyizisa kwibandla kwesi simo, ibe kukuba kwesethu . . . nkqu nakwezethu izikolo, na jikelele, sifumene okuninzi ukufundiswa ngenzulu-lwazi. Ngenxa yoku, sitsalele abantu kude nokholo. Ngoku, ukholo aluziswa ngenzululwazi. Ukholo luyinto inzululwazi engayiboniyo. Kwaye thina . . . Ukuba singaze silahle olu lukhulu ukholo, ngoko sakuba ngokupheleleyo sisebumnyameni, aku . . . nokuba singade sibe sifunde kangakanani, sinokulicacisa kanjani iLizwi likaThixo, ukuze lingqamane neyethu indlela yokukholwa.

<sup>36</sup> Akukho ndlela yokumkholisa uThixo, kungokholo lodwa. iSibhalo siyibeka ngokuphandle loo ndlela, kwaye kungokholo. “Kwaye ngaphandle kokholo,” sitsho iSibhalo, “akukho ukumanelisa uThixo.”

<sup>37</sup> Ke, ukuba ukhlo alungqinelani nenzulwazi, kube nenzulwazi ingangqinelani nokhlo, oko kuzibeka e—elungqamekweni enye kwenye, ngoko kufuneka sikhethe njengoko uMoses wenzayo. Ngokhlo siyakholwa!

<sup>38</sup> Ngoku, ukuba silahla ukhlo, asinakuze sifumane mthandazo uphendulwayo nguThixo. “Kuba lowo uzayo kuThixo kufuneka akholwe ukuba Yena ukho, kwaye uyabavuzababo baMfuna ngenyameko.” Ke, ukuba silahla ukhlo, imithandazo yethu iyacinywa; asifiki ndawo.

<sup>39</sup> Ke kuko konke esinokucinga ngako, ngale ntsasa, kukubambelela elukholweni. Ngoko, ukuba silahla ukhlo, onke amathemba ethu amkile. Kwaye ukuba silahla ukhlo, yonke ingqiniseko yethu kamoya imkile. Kuba, akunakho ukuba nokhlo kwizinto ozibonayo, kuba zonke izinto ozibonayo zizezitshabalalayo.

<sup>40</sup> Ukuba sijonga kumntu othile omkhulu, umlungiseleli omkhulu, okanye inkonzo enkulu, zonke ziyakubhanga, ngenye imini. Kwaye ukuba sikhangele kwesikhulu isizwe, okanye esikhulu isixhobo, zonke ziyakubhanga, ngenye imini. Kwaye ngoko kufuneka siphile ngokhlo, lwezo zinto inzulu-lwazi engenakuzixela. Kungokhlo ukuba sibesiyakholwa.

<sup>41</sup> Ngoku, silahlekelwa luzuko lwethu ukuba silahla ukhlo. Ngoku, ukuba siyachasela elukholweni, ngoko sithabatha ibandla silisa kwimimango yengqondo.

<sup>42</sup> Kwaye amaxesha amaninzi, bekucingwa, phakathi kwabantu, ukuba ngenxa yokuba ibandla lilikhulu, kwaye beneenkono ezinkulu, zinenkopho ezinkulu, kwaye neyona inkulu, abaninzi abanxibe kakuhle kwaye beqeqeshiwe abantu, kunye nokuninzi kwezezimali, kuba benako ukuthenga into enjalo, thina, amaxesha amaninzi, sicinge ukuba oko kuyavuselela, nokuba limelwe kukuba liphenjelelwe elibandla lithile. Okanye, siye kaninzi sababiza abahlukeneyo abalungiseleli abaphuma baye entsimini baze babenemikhulu imihlangano yezihlwele, kwaye sicinga ukuba, maxa wambi, ukuba abo baluphawu lwempembelelo. Kodwa oko akuyiyo inyaniso konke—konke. Leyo yeyomntu impembelelo.

<sup>43</sup> Kodwa eyona mpembelelo iza ngokwenza intando kaThixo. Yabona? Nokuba mnye, okanye iqaqobana nje. Nokuba libandla elikhulu, okanye ibandla elincinane, akuthethi nto. Nokuba yena ungomkhulu, othetha kuvokotheke, okanye indoda ekunzima ukuba ibazi oo-ABC bayo, akuthethi nto. Kuxhomekeka kumyalezo ewuzisayo, ukuba uphenjelelwe liLizwi likaThixo na, okanye, uphenjelelwe kokuphuma engqondweni yomntu ukuphembelela?

<sup>44</sup> Abanye abantu bayakwazi ukuphembeleleka ngenxa yeciko lokuthetha. Oko akuyenzi ukuba ibe yechanileyo. Ngamanye amaxesha bayavuseleleka ngenxa yokuba umfo eqeqeshekile

ekubeni abenokudlulisa uluvo lwakhe. Oko akuthethi ukuba oko kokukaThixo. Yabona?

<sup>45</sup> KungelikaThixo elingenasiphelo kuphela, laNaphakade elisikelelekileyo iLizwi, kulapho sinokufumana khona impembelelo, kwaye oko sikunikwa nguMoya oyiNgcwele. Ngokholo siyakwamkela.

<sup>46</sup> Ngoku sinokucinga ngoMoses, kunye nelixesha likhulu lobomi bakhe. Kwaye sifunda emva, ngokuzalwa kwakhe, indlela uThixo awamkhathalela ngayo, kodwa kwafika ixesha ebomini bukaMoses apho kwafuneka ibelixesha lokukhetha. Ukuba sifunda kakuhle, sifumanisa ukuba waye engunyana wentombi kaFaro, kwaye waye eyindlalifa yetrone, nawaye ezakuba yifaro elandelayo yaseYiphutha. Ke wayedla ngokuqaphela xa ebheka bheka, emva kokufika ebudaleni bokuthwala uxanduva, kwaye nango ebeye abelapho loomakhoboka esebenza ngaphandle kwenyimfi-nyimfi imingxuma. Aze uMoses, njengoko waye ejonge ngefestyle yebhotwe, kulomakhoboka manye uFaro wayejonge kuwo, kodwa onjani umahluko owawukoko kujonga.

<sup>47</sup> Ndifuna ukuzinzisa loongcamango, ngale ntsasa, imizuzu embalwa, kwaye wanga uThixo weZulu angayibethelela kwintliziyi nganye apha. Yindlela ojonga ngayo kuyo nantonina, eye yenze umahluko.

<sup>48</sup> Umvangeli omkhulu, uJohn Sprawl, nowaye eguqulwe lulungiselelo lukaMzalwane uBosworth, nokhunjulwayo ngabaninzi benu kwiminyaka eyadlulayo, ongowe-Old Glory Barn. Wathi, ngamini ithile wayethabatha uhambo, phambi kokusweleka kothandekayo oliqabane nomfazi wakhe. Baye bese-La Salle, eLorraine, kwelaseFrance. Nam ndikhe ndanecham lokundwendwela kwalondawo inye. Waze umkhapheli ebakhuphela ngaphandle emiyezweni, ebonisa izinto ezithile ezahlukeneyo. Bada bafika mfanekisweni uthile uqingqiweyo weNkosi uYesu, ubethelelo. Waye uMnu. Sprawl echasele, ewujongile, yena nomkakhe, baze, ezintliziyweni zabo, begxeka oko umzobi waye enako engqondweni yakhe, okanye umxhonkxi, gxebe, xa watsheza ekhupha elityeni, enjalo ukuba ngxathu into ukuze ibe ibonise ukubulaleka kunye nothando nosizi lweNkosi uYesu, kwaye indlela eyaye yonke ingacolekanga kwaye igawulwe ngenkangeleko. Waze umkhapheli weza kuMnu. Sprawl, waza wathi, “Mhlekazi, ndiba wena ugxeka lomfanekiso uqingqiweyo weNkosi uYesu.”

Waza wathi, “Ndiyawugxeka.”

<sup>49</sup> Yena wathi, “Andimangali nakancinci, ngokuba uninzi lwabantu xa luwujonga, okokuqala, luyawugxeka.”

<sup>50</sup> Waza uMnu. Sprawl wathi, “Kutheni, andiboni kwasizi okanye nayiphina impembelelo ekujongeni enje yona into,



ke ndiyamangaliswa ukuba kutheni umxhonkxi aze awenze ngoluhlobo.”

<sup>51</sup> “Waza umxhonkxi. . .” Wathi, “Mnu. Sprawl, lomfanekiso ulungile, kwaye umxhonkxi waye enento elungileyo engqondweni yakhe. Kodwa apho ingxaki ikhoyo, ikuwe. Ikwindlela le wena uwujonga ngayo.” Wabe sele emthatha kunye nomfazi wakhe ngesandla, waza wabakhokelela ezantsi esibingelelweni esisenyaweni lwalomnqamlezo uxeliweyo. Waza wathi, “Ngoku, Mnu. Sprawl, khangelela phezulu ngoku.” Kwaye xa wakhangelela phezulu, uthi intliziyo yakhe yanga ingema. Onjani umahluko ekwakunguwo, ukuma qelele phaya ujonge kuwo *ngala* ndlela, kunye nokuba uguqe uze uwujonge ngendlela owawenzelwe ukujongwa ngayo.

<sup>52</sup> Kwaye leyo yindlela uThixo ayiyo. Leyo yindlela ukholo oluyiyo. Yindlela wena oyijonga ngayo. Ukuba uyijonge njengoluthile uhlobo lweBhayibhile yembali, yento ethile eyayikho kwimihla eyadlulayo, awusokuze ulifumane elona xabiso lenene leBhayibhile. Kufuneka uguqe ngamadolo, uthobele imiyalelo yaleBhayibhile, uze uYijonge ngamehlo kaMoya oyinGcwele.

<sup>53</sup> Ndingabuza kwesi sihlwele, ngale ntsasa. Kulunga kuni uThixo wembali akuko kuthi namhlanje ukuba Yena akanguye okwamnye uThixo? Kulunga kuni akuko uThixo, owayenokuthatha uMoses aze enze ngaye loomimangaliso wayenzayo, kulunga kuni ekunosenzela kona ukufunda ngalowo onjalo uThixo ukuba Yena akasenguye okwamNye namhlanje? Ulunge ngantoni uThixo owaye enako ukuhlangula kwiziko elivutha umlilo, abantwana bamaHebhere, ukuba Yena akasenguye onjalo uThixo namhlanje? Ulunge ngantoni uThixo owayenokugweba phakathi kokulungileyo nokungalunganga, kumhla owadlulayo, aze ohlwaye ukungalungisi asikelele okulungileyo, ukuba Yena akasenguye onjalo uThixo namhlanje? Siyelantoni enkonzweni? Kutheni sichasela kwizinto zehlabathi, ukuba Yena akasenguye uThixo wologwebo lunye, kwakunye naloombono inye Awayesoloko enguwo? Bekuya kuba kulunga kuni koThixo owayenako ukuchukumisa isandla somfazi onomkhuhlane, uze loomkhuhlane unqumame, ukuba Yena akasenguye onjalo uThixo namhlanje? Bekuya kuba kulunga kuni ukukhonza uThixo owaye enako ukubiza umhlobo waKhe aphume engcwabeni, emva koba ebesele entsuku-ne efile, ukuba Yena akasenguye onjalo uThixo namhlanje?

<sup>54</sup> Ngokholo siyakholwa ukuba ngethile ezukileyo imini Yena uyakusibiza siphume emhlabeni, nakubeni siyakuba lolungangecephe uthuthu kwakhona. Sikuqinisekisa njani oko? Asikuqinisekisi. Siyakukholwa. Asicelwanga ukuba siqinisekise nanye into. Sicelwe ukuba siyikholwe.

<sup>55</sup> Ngokholo uMoses wenza *oku-no-kuya*. Kwaye njengokuba uMoses, njengetyendyana, wakhangela ngefestile yasebhotwe, kumakhoboka, wabona kwa elo linye igquba likhedamayo, limdaka, lurhaphilili-ludaka lingamakhoboka lawo noFaro wayewabona.

<sup>56</sup> Kwaye xa uFaro wayewakhangele, kunye namaYiphutha, babengeyonto koko igquba lamakhoboka. Oko kuko kodwa ababelungele kona; nje kuphela babengabaxovi-daka, ukwenza izitena ngodaka ukuze kuxhamle izixeko ezazisakhiwa nguFaro. Leyo yindlela amaYiphutha noFaro ebabewajonga ngayo amakhoboka.

<sup>57</sup> Kodwa uMoses, xa waye ebajonga bona, kwaye ikokwahlukileyo ukujonga uMoses awaye enako. Xa wabona, bedlula ngefestile, imingxunya emikhulu ebusweni babo, iinyembezi ezazisihla ezidleleni zabo, nemizimba yabo egobileyo, wabajonga bona njengabantu bakaThixo. Akazange abajonge njengamakhoboka. Wabajonga bona njengabantu abakhethiweyo bakaThixo.

<sup>58</sup> Kwaye, owu, njengokuba ndizula, kumazwe ngamazwe, nezizwe ngezizwe, ndishumayela! Ukususela ekuzishiyeni kwam iingcango zalomnquba mncinci, elo liziko elivuleleke kumahlelo-ngamahlelo, engenamthetho kodwa uthando, akukho ncwadi kodwa iBhayibhile, kungekho sicengelezo kodwa uKristu, ndizamile ukujonga ebantwaneni bakaThixo, nakwabo bachasiweyo, ngokunga bangabakaThixo abakhethiweyo nabonyuliweyo abantu. Andibabuzi ukuba bangaboMnquba ka Branham na. Andibabuzi ukuba bangamaWesile na, okanye ukuba bangamaRhabe na, okanye ukuba ngabeenkozo zobuPentekoste na, okanye amaNazarene, okanye amaPilgrim obuNgcwele na. Ndifuna nje ukubajonga njengabantu bakaThixo. Kwaye ngokubona ukwenza nesenzo sabo, ukuba bazizo izicaka zeNkosi uThixo. Kwaye intliziyo yam ilangazelela ukudlelana nabo, kungakhathaliseki nokuba banaphawu luni. Ndinqwenela nje ubudlelwane babo. Ndiyabathanda ngoba ndisazi ukuba bangabantu bakaThixo.

<sup>59</sup> Xa ndibona umfazi esehla ngesitrato, enesiketi eside, neenwele zakhe zenziwe ngocwangco emqolo, kwaye—kwaye enekhangeleka indilisekile ilokhwe; ndize ndibone elinye eliselula inenekazi, mhlawumbi bengoontanga, linxibe esincinci isikatula; lisenokuba, ngenkangeleko, lihle ngokuphindwe kabini kunalamfazi oneenwele ezinde, ngokubhekiselele ekujongeni kwehlabathi, kodwa ndiyakukhetha icala kunye nalantombazana enxibe njengomKristu. Nangona beyakube bemhleka, bembiza ngobaxekileyo, noko kunjalo, ndiyakulithabatha elam icala. Usenokungabi mhle njengenye intombazana, ngokweempawu, kodwa ubona nto ithile. Ngokholo uyambona Lowo Ungenakubonwa, Lowo ubukhokelayo ubomi bakhe.

<sup>60</sup> Xa ndibona indoda emsebenzini, ibizwa “mdikoni,” okanye “mshumayeli,” okanye “umbaxi,” ngenxa yokuba isala ukutshaya, nokusela ibhiya, nokuya emidanisweni, njengenxalenye yabo, aze abizwe ukuba “ngumbaxi,” intliziyo yam iphumela lowo. Ungumntakwethu, ezantsi apha kulomhlaba waseYiphutha, oko kwenza intliziyo yethu inqwenele ukumanga ize ithi, “Mzalwane, singabaphambukeli kunye nabasemzini, kuwo lo umhlaba, kwaye ndilangazelela ukudlelana nawe.”

UMoses kwafuneka ukuba akhethe, ekhetha ngokholo.

<sup>61</sup> Bangaphi abafana abaselula engebalixhumela ithuba lokuba ngunyana wekaFaro intombi! Bangaphi abafana abaselula engebalixhumelayo ithuba uMoses awabanalo, ukuze bonwabele zonke iziyolo nobuqheleqhele behlabathi, ukuze babeyikumkani yaseYiphutha, khona ukuze ihlabathi lonke libeseziyaweni zakhe! “Obunjani ubuyatha bento,” koko ekufanelwe kukuba abafana abaselula bomhla wakhe bakucinga, “xa uMoses wakhetha ukuthabatha indawo yakhe kunye nabaxhwalekileyo abasokolayo abantu bakaThixo.”

<sup>62</sup> Kwakutheni ukuze enze lonto? Ngokholo, xa waphakamisa amehlo akhe, wakhangela ngaphaya kobuqheleqhele beliphakade. Wakhangela ngaphaya kweziyolo zesono. Kwaye iBhayibhile yathi yena wakrota wanga uyambona Lowo Ungenakubonwa, ngokholo, kwaye wakhetha ukukhonza laThixo kungakhathaliseki nokuba kwenzeka ntoni.

<sup>63</sup> Ayikaguquki. Uninzi lwethu lunokuya kwinto esinokuyibiza ngokuba sisakhiwo esingcono. Besinokonwabela, mhlawumbi, ubudlelwane neziyolo zokuhlala esitulweni esingcono. Sisenokuba ngabadume kakhulu, ngokutshaya nokusela, nangokunxiba nokwenza njengehlabathi. Kodwa yintoni undonakele? Uwaphakamisile amehlo akho, kwaye ngokholo uyambona Lowo Ungenakubonwa, kwaye uzithathele indawo kunye nabachasiweyo oosinga baqengqeleki abangcwele bomhla. Kuba ngokholo siyambona Lowo Ungenakubonwa, senyula kanye ukuva ukutshutshiswa nenkxwaleko.

<sup>64</sup> Bendingenakuthi ebantwini mabazikhethela ukuxhwaleka. Anditsho ukuba kufuneka ukhethe ukuva ubunzima. Bekungasayi kuba yinto enobuntu ukuba ndiyenze. Kodwa ukuba ukuva ubunzima kuhleli endleleni yomsebenzi, ngoko masikuthathe njengokuba kusiza. Andifuni ukuba nenze into niyenzela ukuba othile aze ahlekise ngani. Bendingethandi ukuba nithethe ezahlukileyo izinto, ukuba, “Mna ndingo... ndingena kwibandla elingayikholelwayo *le-naleya*, kwezize zehlabathi,” kunye nezinto ezinjalo, nje usenzela ukuba abantu bahlekise ngawe. Uyibizela ngokwakho kuwe. Bendingenakuthethela ukuze wena uphume phandle phaya uqhubeke usenza into etenxileyo. Bendingenakufuna ukuba

wenze lonto, usenzela ukuba ubani othile makathi wena ungumbaxi. Uzibizele ngokwakho leyo. Kodwa ukuba ihleli endleleni yakho eya kuThixo, liyeke ihlabathi lithethe oko lifuna ukukuthetha. Wena phila kanjalo.

Uyazikhethela. Yonke indoda okanye umfazi kufuneka akwenze oku.

<sup>65</sup> Kwakunothini ukuba uFaro wayenokubona oko kwabonwa nguMoses? Wabona iintsokolo zabantu. Walazi ukuba labayintoni na ixabiso lokuhlawulwa. Kodwa ngokholo wayikhetha, ndaweni yokuba axhamle iziyolo zesono.

<sup>66</sup> Kukho mhlawumbi amancinane, aselula amanenekazi ahleli apha, njengabaqheleqhele abasebatsha abafazi. Ihlabathi lingathanda ukuthi kuni, “Yenzani *oku-nokuya*. Nibahle. Umzimba wakho umile kakuhle. Kufuneka ukuveze oko.”

<sup>67</sup> Kodwa, dade wethu, phakamisa amehlo akho ukhangele ngaphaya kwako, kuLowo wathi, “Kungamasikizi ukuba umfazi anxibe ingubo eyeyendoda.”

<sup>68</sup> Ukuba amadoda asebantwini balapho uhlala khona, ukuba abafazi oqhelene nabo, bathe, “Cheba ezonwele zinde. Oko kuyakuphola. Kuyakuba *koku, okuya*, okanye *okunye*.” Okanye, “Iyakwenza ngcono.” Ungamameli kokuya!

<sup>69</sup> Phakamisa amehlo akho, uze ngokholo ubone Lowo wathi, “Inwele zomfazi ziluzuko lwakhe, kwaye akasayi kuzinqothula.”

<sup>70</sup> Ukuba bathi, “Kuyakunika udumo. Uyazibeka endaweni engcono emsebenzini wakho, okanye kunye nomphathi wakho, ukuba unokhe uthathe isiselo sobuhlobo. Ukuba ubunokukhe utshaye umdiza njengabafazi bonke, ubuya kuba ngosisihlobo ngakumbi ebumelwaneni bakho.”

<sup>71</sup> Ngokholo phakamisa amehlo okho ukhangele kuYe Lowo wathi, “Ngcolisa lomzimba, kwaye Mna ndiya kuwutshabalalisa.” Ngokholo siyazikholwa ezo zinto. Asikuko oko ukubonileyo. Kuyinto ethile oyikholwayo. Ngokholo, uMoses wayenza.

<sup>72</sup> Kwaye koluhambo lokholo, kuye kufike ixesha apho kufuneka kukhethwe khona.

<sup>73</sup> ULote wenza kwalompazamo ilusizi nesiye nathi siyenze. Amaxesha amaninzi sikhetha okusilungeleyo. Sikhetha izinto ebeziyakuba ngcono.

<sup>74</sup> Ngaxesha lithile ukuba kukho encinane ingxwaba-ngxwaba efikela ibandla, aze othile athi, “Kulungile, idikoni okanye umalusi ukweli icala.” Musa ukujonga kulonto. Jonga kwinto ebulungisa. Khuphela lonto ngaphandle uze ubangenise bobabini badibane. Obo bubuthixo.

75 Kukhona ukukhetha. Kwaye thina siyazikhethela. Sikhetha okuthile okuyakuthi kusilungele.

76 Kodwa uMoses wakhetha impatho embi kunye nehlazo, khon'ukuze abenako ukuhamba kunye nabantu bakaThixo. Khawufane uyicinge ngoku. Yiphulaphule. "Enyula kanye impatho embi yabantu bakaThixo, waza wakubalela oko ekubeni kubobungaphezulu ubutyebi, kuba wakrota, embona Lowo Ungenakubonwa."

Ngoku, uLote, ngelinye ixesha, kwafuneka enze ukhetho.

77 Kwaye kusenokwenzeka, ngale ntsasa, ukuba kuyakubakho amadoda nabafazi abahleli apha, abayakwenza ukhetho lwakho lokugqibela. Uyilento namhlanje oyiyo, kuba kwiqela leminyaka eyadlulayo wakhetha ukuba ubeyilento uyiyo ngoku. Kwaye into oyikhethayo ngoku yiyo eyakuxela oko oyakuba kuko kwisihlanu seminyaka ukusuka namhlanje. Kwisihlanu seminyaka ukusuka namhlanje kusenokuba uyakuba yimishinari. Kwisihlanu seminyaka ukusuka nahlanje kusenokuba uyakuba ngobalaseleyo umKristu.

78 Okanye, kwisihlanu seminyaka ukusuka namhlanje usenokuba uyakube usesihogweni, ngenxa yokuba wenze isigqibo esingesiso. Kwisihlanu seminyaka ukusuka namhlanje usenokuba uyakube ucoca iingqayi-zokutshicela esirhoxweni. Kwisihlanu seminyaka ukusuka namhlanje usenokuba uyakube ulihenyukazi esitratweni.

79 Okanye, uyakube uyindoda okanye umfazi oyi—oyinzuzo kulo naluphina uluntu lwasekuhlaleni, ngenxa yokukhetha kwakho kuKristu. Kwisihlanu seminyaka ukusuka namhlanje usenokuba uyakube useluZukweni, uhambe kuXwilo, ngenxa yokuba wenze ukhetho lwakho namhlanje.

80 Kodwa kufuneka ukhethile. Kwaye musa ukujonga koku ukubonayo. Khetha oko ukubona ngokholo. Yileyo yodwa into ebalayo, yileyo uyikhetha ngokholo.

81 ULote, njengoko kwafuneka ukuba enze ukhetho. UAbraham wanika uLote olwakhe ukhetho.

82 Naye uThixo ukunika okwakho ukukhetha. "Khethani namhla lowo niyakumkhonza." Emyezweni waseEden kwaye kukho umthi wo—wolwazi, kunye noMthi woBomi. Umntu wanikwa icham lokuba akhethe nokuba ngowuphi awunqwenelayo. Kwaye isekwanjalo nanamhlanje. Unikwe elakho icham, njengabakhululekileyo ngokwasekuziphatheni, khon'ukuze ukhethe nantonina ofuna ukuyikhetha.

83 Elam icebiso kuwe, lithi, musa ukujonga kwizinto zesimanje-manje ezikungqongileyo, kunye nodumo nobuqheleqhele onokuba bubo. Kodwa khetha, kambe, ngokholo, Lowo onike isithembiso sokuba ngamhla uthile Uyakubuya aze alungise konke okungalunganga, aze akunike

obunguNaphakade uBomi, aze akuvuse. Akukhathaliseki nokuba uthatha ecekisiweyo indlela kunye nabambalwa beNkosi, lwenze olokhetho. Ukuba kukho iingxaki esandleni, ukuba kukho iingxaki elizweni, ukuba kukho iingxaki ebandleni, ukuba kukho iingxaki ekhayeni, akukhathaliseki nokuba iphi na, yenza ukhetho lwakho, “Ngokholo, ndiyakumkhonza uThixo. Ndiyakuyithoba intliziyo yam ebuKhoneni baKhe. Ndiyakuthabatha indlela kunye nabakaThixo abantwana. Ndibabona bona becekisiwe baye bechasiwe, beqhutyelwa ngaphandle kwaye besenziwa intlekisa, kodwa ndiyakuzola ndithabathe indawo yam yokusebenzela. Ndiyakuhlala ndihleli. Kwaye xa bona belila, ndiyakulila kunye nabo. Kwaye xa kukho intsizi, ndiyakukhedama kunye nabo. Indlela abaphila ngayo, ndiyakuyiphila.”

<sup>84</sup> Njengoko uNahomi watshoyo... Okanye, uRute watshoyo kuNahomi, “Ezakho iindlela zibe ziindlela zam. Ezam iindlela zibe ziindlela zakho. Apho uhlala khona, ndiyakuhlala. Apho uya khona, ndiya kuya. UThixo omkhonzayo uyakuba nguThixo wam.” Thabatha olo ukhetho, nangona ihluba isuse isikhumba sesazela sakhokho, sokucinga ukuba ungununtu othile. Zihlubule isikhumba wehle uze uthabathe eyakho indlela kunye neleNkosi elichasiweyo iqaqobana, uze uhlale ngentembeko entsimini yokukhonza nakuyo indawo yokusebenzela.

<sup>85</sup> ULote wabheka-bheka. Wathi, “Ndinako ukuzikhethelela.” Waza wakhangelanga ngaseSodom. Wabona alungileyo anengca amasimi ukuba aye engcono kunoko uAbraham wakubonayo, nalapho wayekhona u-Abraham. Wabona amathuba okutyisa iinkomo zakhe, ukuze abenezityebileyo kunye nezingcono iinkomo.

<sup>86</sup> Ndiyathemba ukuba andivisi namnye kabuhlungu. Kodwa oko bekusoloko kuyindawo yokuma kwisininzi sabashumayeli, ukwenzelelela ngeVangeli, becinga ukuba bafumana eninzi imali ivela kwakuyo. [Umzalwane uBranham uqhweba izandla zakhe kathathu—Umhl.] Itikiti lokutya! Ndikhetha ukuhlala kongavelisi nto umhlaba, nditye, ndisele emfuleni, ndidle ii-soda crackers, kunokuba ndenzelelele kwisigqibo sam sokholo eLizwini loThixo ophilayo. Ndiyakuthabatha eyam indlela.

<sup>87</sup> Abanye kubo bathi, “Billy, yintoni undonakele ngomhlangano wakho, njengokuba kugcwele amaPentekoste amaninzi kuwo nje.” Ngomkhulu wehlelo umlungiseleli owathetha lonto.

Ndathi, “Ingaba elakho ihlelo liyakuwuxhasa owam umhlangano?”

<sup>88</sup> Kungekudala kakhulu, kulindixesha we*Look*, ndiyakholwa, kwakukho inqaku. Kwaye umbhali wathi phaya, ethetha malunga nabantu abangamaPentekoste. Wathi, “Ibandla lamaPentekoste lelona bandla likhula ngesantya esiphezulu

ehlabathini namhlanje.” Kutheni? Kungokuba amadoda nabafazi baphakamisele phezulu amehlo abo baze bakhangela kude ngaphaya.

<sup>89</sup> Waza umbhali waphinda wabancoma abantu abangamaPentekoste. Owu, ngenene, wathi, “Kwaye kukho abanye babo abahambe ngobukrwada, nangohlobo olunjalo. Kodwa, amaWesile anqula uvumo-nkolo. Bona bamnqula uThixo ngovumo-nkolo. AmaBhaptizi enza kwangokunjalo, kunye namaRhabe. Kodwa amaPentekoste amnqula ngeBhayibhile yakhe.”

<sup>90</sup> Ngokholo siyasibona isithembiso. Ndiyakulithabatha elam iqashiso kunye nabo, akukhathaliseki nokuba bathiywe kangakanani na, ndisenguye omnye wabo. Nokuba bangade benziwe intlekisa, kwaye babenangawabo amanyuka-ndisehla, njengoko uSirayeli wabanjalo, andisokuze ndifune ukuma kunye nowobuxoki umprofeti kwicala lenduli, uBhileham, ndize ndizame ukuqalekisa into uThixo ayisikeleleyo. Ngoba, kulankampu kukho elibethiweyo iLiwa, kunye neliligazi iDini, kunye neNtsika yoMlilo. Akukhathaliseki nokuba bagaxeleka enini, yona ibakhokelela eloyisweni, kwaye kufuneka beze kuyo, ngoba bona bangabantu besithembiso abahamba ngokholo. Nangona bona bengelilo ihlelo, baye bengabaphambukeli, kwaye bakwanjalo abantu bakaThixo. Kodwa mna ndifuna ukuthabatha eyam indlela kunye nabo, ndizibandakanye nabo kwizikhundla zabo; kungekho hlelweni labo, kodwa kobabo ubudlelwane oburhangqe izinto zikaThixo onguNaphakade uMoya, okuthi, ngokholo ndilwamkele ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Thixo ndincelele ukuze ndihlale maxa onke ndineso isimilo.

<sup>91</sup> Qaphela. Njengokuba beqhubeka, sifumana ukuba uLote wabona amathuba wezi—wezityetyisiweyo iinkomo. Abaninzi babona amathuba wetyetyisiweyo incwadana yepokotho. Abaninzi babona amathuba okuba babe ngabangcono abemi basekuhlaleni. Yena wabona enokwenza ezimbalwa ezongezekileyo iidola. Wabona enganako ukwenza de abengusodolophu wesixeko. Engowasemzini, kwaye eyehlananiphileyo yona indoda, njengoko wayenjalo, “Mhlawu mbi ndiyakuba yindoda eyintloko yesixeko.” Wakubona kunokwenzeka ngoba kwakondlelwe phambi kwakhe. Kodwa akazange awubone umlilo owawusiza kutshabalalisa ilizwe. Waye engakhange azilungelelanise, ekuthini elolizwe laye lizele sisono, kwaye uThixo kwakumele alitshabalalise.

<sup>92</sup> Kwaye, namhlanje, abantu bazama ukuzilungelelanisa ngelithi, “Ingaba wena . . .?”

Ndiyakuthi, “Ingaba unguye umKristu?”

<sup>93</sup> Baze bathi, “Ndingowase Melika.” Oko akunayo nengaphezulu yakwenza nayo kunokuzama ukuthi entakeni

yona ilisele. Ayinanto yakwenza nayo. [Umzalwane uBranham uqhweba izandla zakhe kanye—Umhl.]

<sup>94</sup> Yena uzakutshatyalaliswa, ngoba uThixo unobulungisa. Kwaye ukuba iMelika iyasinda kunye nezono zayo, onobulungisa kwaye engozimeleyo, ongcwele uThixo oyakubopheleleka ukuba—ukuba avuse iSodom neGomora aze axolise kuzo ngokuzitshisa kwakhe, ngenxa yesono sazo; ukuba Yena uyasiyeka thina sisinde naso.

<sup>95</sup> Ukuba Uyanivumela ningene eZulwini ngemisebenzi yenu eswele ubulungisa, kuyakufuneka Avuse uHananiya noSafira aze banike elinye ithuba. Ebeya kufanelwa kukuyenza njalo ngokuqinisekileyo. Kodwa Ulilungisa. UHananiya wabona imali yakhe. UPetros wabona uKristu.

<sup>96</sup> Owu, bethu! ULote zange akubone ukutshatyalaliswa kwabantwana bakhe kula ndawo.

<sup>97</sup> Uninzi lwenu, namhlanje, nibambe narhangqa ezi zindala zicwaliweyo iimvumo-nkolo nezinto, nibe ningakuboni ukuqaqadeka kweemveku kunye nokutshabalala kwabantwana benu. Akuyiboni intombi yakho kwindlu yothengiso-mzimba. Akumboni unyana wakho olinxila, okanye kwitafle yamakhasi ndaweni ithile.

<sup>98</sup> “Ngenxa yokuba laye linamanzi ngokwaneleyo.” Kwaye isono asichukunyiswa. Akazange ambone umkakhe, intloko yayo yonke imibutho yokuhlala, iguqulwa isiba sisimo setyiwa, xa wayekhangele. Akazange azibone eqhwesha aze asinde cebeshu, ukuya kwisixekwana esincinci ndaweni ithile, ngenxa yobomi bakhe. Akazange akubone oko, kuba wajonga kuphela koko kwakuphambi kwakhe.

<sup>99</sup> Kodwa, uAbraham, akazange aliqaphele ilizwe elalinawoneleyo amanzi, ngoba yena wawaphakamisa awakhe amehlo waza wabona ingomso, kuba waye ezakuzidla ilifa zonke izinto. Owenene umKristu namhlanje uphakamisa amehlo akhe aze abone isithembiso sikaKristu: “Banoyolo abo abanobulali ngokuba bayakuzidla ilifa zonke izinto. Bayakuwudla ilifa umhlaba.” Owenene umKristu, ngokholo, ukhangela phezulu aze abone oko. Mbize ngalonto ofuna ukumbiza ngayo. Uwaphakamisile awakhe amehlo. Kwaye xa wakwenzayo oko, uThixo wathi, “Abraham, lihambe ilizwe, lona lelakho lonke.” Ngokholo, uAbraham wakwenza oku; ukholo ulunye nolo wayenalo uMoses.

<sup>100</sup> Kwabhalwa ngomnye umhlalutyi, owathetha oku. Ndacinga ukuba ngawona mazwi akhe abamnandi. Ukuba uAbra-... “UMoses wathatha okona kungcono kwehlabathi waza wakubeka kwesinye isikali; waza okona kubi kwenkolo, wakubeka kwesinye isikali; kwaza okona kubi kwenkolo kwakohlula ngobunzima oko kungcono kwehlabathi.”



<sup>101</sup> Kunjalo namhlanje, ukuba sinokubizwa nangantoni na sifuna ukubizwa, “ababaxi,” okanye “Abangcwele abaphilisi,” okanye “abaqengqeleki abangcwele,” okwanye nantoni na ofuna ukuyibiza. Okona kubi sikuko kuyakukweyisa ngobunzima okona kungcono ihlabathi elinokuzisa. Bafuna ukubizwa “abefashoni yakudala, ongalandeliyo wakudala, umbaxi.” Kuyakweyisa ngobunzima eyona nto ingcono umtyholi anoyo ukuze akunike. Kuyakuyoyisa ngokuqiniseke kakhulu.

<sup>102</sup> UMoses wahlonipha ukungcikovwa kukaKristu. Wambona kwangaphambili uKristu. Kamva wathetha athile anamandla avuselelayo amazwi malunga naYe. “Yabona, iNkosi uThixo wenu yakunivelisela umprofeti onje ngam kanje.” Wayazi. WaMbona kwantlandlolo, waze wabalela ukungcikovwa kwaKhe kobungaphezulu ubutyebi kobabo bonke ubuqhele-qhele behlabathi.

<sup>103</sup> Mhlobo ongumKristu, namhlanje, ungayenza na wena lonto? Nabo bonke ubuqhele-qhele nodumo lwehlabathi, ngokholo, siyambona Lowo owathembisayo. Kwaye okona kubi kwebandla namhlanje, kuyo yonke imeko yalo, noko kunjalo Liyakohlula ngobunzima yonke into umtyholi anokukunikeza yona. Ukuba siyakrazulwa, ukuba saphulwa ukuba sibe ziingceba, ukuba sididekile kwaye saphukile, sikumahlelo nezibaxo, oko kuya kwahlula ngobunzima nantoni na umtyholi anokukunikeza yona. Ngokuqinisekileyo.

<sup>104</sup> Wabalela ingcikivo kaKristu kobungaphezulu ubutyebi konabo bonke ubutyebi baseYiphutha. Kwaye kwafuneka enze okuthile. Wayikhalala iYiphutha. Owu, ndiyalithanda elogama. Wayikhalala iYiphutha. Yabona, wayekhangele ngefestyle ekwanye, kodwa wayejonge ngokwahlukileyo kunoFaro. Kwakunothini ukuba uFaro kwakunokwenzeka asibone isiphelo sakhe? Kwakunothini ukuba uFaro wayenokubona isizwe sakhe sirhaxwa? UMoses wayibona yena. Njani? Ngenzulu-lwazi? Ngokholo, uMoses wayibona yena. Yonke into awayeyenza yayingokokholo, ngoba uThixo wamthembisa uAbraham, uyise, ukuba Yena wayeya—Yena wayeyakusityelela esi sizwe emva kwamakhulu amane eminyaka, kwaye uyakuba khupha. Kwaye ngokholo, uMoses walikholwa iLizwi elathethwa nguThixo, futhi wazazi, nje ngokwaselukholweni, ukuba uyakuba yekhethiweyo inkokheli eyakubakhupha. Wayezazi apho akhoyo. Wathabatha indawo yakhe kwenyimfi-nyimfi imingxuma, njengomxovi daka, ekubalela ukungcikovwa kukaKristu kobungaphezulu ubutyebi kunokuhlala etroneni yaseYiphutha. Wathabatha...Akazange athi, “Ndiyavelana nayo.” Wathabatha indawo yabo kwaye wahamba kunye nabo! UZuko ku...Wathabatha indawo yabo. Thina sihambe kunye nabo.

<sup>105</sup> Akumangalisi ukuba umbhali onempembelelo wathi:

Ndiyakuthabatha indlela kunye nabambalwa  
beNkosi abachasiweyo.

Ndiqalise kunye noYesu, ngoku ndiyaqhubeka.  
Ndisendleleni yam eya eKanana.  
(Ngokuqiniseka.)

<sup>106</sup> UMoses. Kwakha kwathiwa ngomnye okokuba uMoses wanga, xa wayenokuba ngunyana kaFaro kwaye enabo ubuqhele-qhele behlabathi, wanga angangunyana kaAbraham kunokuba abangunyana kaFaro. Unyana kaAbraham, owaye echasiwe, kunokuba abangunyana kaFaro, ikumkani.

<sup>107</sup> Ndinga ndingangunyana weNkosi uYesu, kunye nesinye sezaKhe izicaka, ndize ndithathe eyam indawo kunye nabantu abacekisiweyo belihlabathi, kunokuba ndibe nguMongameli wale inkulu i-United States of America, okanye ndibe nguElvis Presley, okanye uPat Boone, okanye nabani na ofuna ukumenza yona. Ndiyakuthabatha eyam indlela.

<sup>108</sup> Amanenekazi aselula amelwe kukuthabatha eyawo indlela. Ndaweni yokuba abengu-nguMary Pickford, okanye ethile inkwenkwezi yemifanekiso bhanya-bhanya, ntombi ithile eqhele-qhele, thabatha eyakho indlela kunye neleNkosi elicekisiweyo iqaqobana.

<sup>109</sup> Ndinga ndingangu mshumayeli epulpitini, ndishumayeke obungenakuphandwa ubutyebi bukaKristu, kunokuba ndibe yeyaseHollywood inkwenkwezi yemifanekiso bhanya-bhanya, okanye oyena mntu mkhulu ehlabathini. Ukuba bekufuneka ndidle intwana, ndingqibe, okanye nantoni na ekwafuneka ndiyenze, ndiyakuthabatha eyam indlela kunye nabeNkosi abantu. Ngokholo, ndiyakwenza oko. Ndikhe ndaliphiwa ithuba. Kodwa, ngobabalo lukaThixo, ndisabona ngokholo.

Ngokholo ndiyayibona ikude;  
Naye owethu uBawo ulinde ngaphaya  
kwendlela,  
Ukusilungiselela eyokuhlala indawo Phaya.

<sup>110</sup> Indoda engumbuthi werhafu ikhe yathi, ngenye imini, “Kwakutheni ukuze ujikele ikhaya lakho kulankonzo? Yintoni eyakwenza ukuba unikele ngelixabisa amashumi-mabini anesihlanu amawaka eedola ikhaya kulowa mncinane mdala nokhangeleka uyimfungu-mfungu umnquba?”

<sup>111</sup> Ndathi, “Bekungekho ngenxa yebandla ukuze ndiyenze lonto. Kungenxa yabantu abaphaya.” Andinayo nenye kwezi yezeli hlabathi izinto. Yonke ipeni yemali endakha ndayithabatha ijikelwe kwelibandla. Ngoba? Ukholo lwam lukuThixo, alukho kwizinto zelihlabathi. Owam umxhelo ungentla. Ndaye ndiyakholwa nani nonke ninjalo, ukuba nilungile kuThixo. Kuyinyaniso, ukuba ninjalo. Thina, ngokholo, siyamkela. Thina, ngokholo, siyamkholwa uThixo.

112 UMoses, kwafuneka akhethe. Kwaze kwafuneka, emva kokuba ekhethile, wanyanzeleka alwe ukholo, ngoko, kuba akazange awoyike umsindo wekumkani. Ngoku, ngokobuntu, wayenalo ilungelo lokuyoyika igqumbo. Waye enelungelo lokuwoyika umsindo wokumkani, kodwa akazange. Akazange ayenze, ngoba wayenomsebenzi ekumele awenze, kwaye wayesemsebenzini. Akazange akhathale ukuba ukumkani utheni malunga nayo. Wathabatha eyaKhe indlela kwangokufanayo.

113 Ngoku, uFaro, kakade, xa ebona ukuba woyisiwe, wafuna ukunika uMoses kunye nabantwana. . . Wathi, “Kulunge konke, ndizakuxelela into endizakuyenza. Nina nonke nje hlalani elizweni nize niphume nenze idini kuThixo wenu.”

114 Yilondlela umtyholi asebenza ngayo. “Owu, ungaba nguye owenkolo. Kutheni ungayi ngaphaya uzibandakanye nabandla lithile? Akunyanzelekanga ukuba wenze zonke ezi zinto.” Indoda ithi kumkayo. . .

115 Umfazi uthi, “Myeni, ndisindisiwe. Andisayi kwenza iinzipho, okanye imilebe eqatyiweyo nezozinto. Azisayi kubasabakho ezozinto. Akusayi kubasabakho zipotsoyi. Nalemibutho nezinto azisayi kuba sabakho. Ndiphumile kuzo! Ixesha lam ndiyakulibekela ukufunda iLizwi, ndihoye ikhaya.”

116 “Ngoku, jonga, sithandwa. Wena, ungaba nguye owenkolo, kulungile. Ngoku, jonga, yiya—yiya *phaya*. Ufumene ibandla elingelilo.”

117 Hayi, awunjalongo. Ukwelona lililo. Ukuba unomshumayeli ozakushumayela oko kuwe, umelwe kukuhlala kunye nalo. Phengulula emva eziBhalweni uze ufumanise ukuba akunjalo na.

118 “Owu,” athi, “yiya *phaya*. Abaya—abaya bona akufuneki benze okuya phaya. Yabona? Abakwenzi oku ngaphaya.” Kuyilondlela. . . “Hamba nje longama.” Kodwa akafuni ukuba uphume kulo ilizwe. Yilondlela umtyholi enza ngayo. Akafuni ukuba uphume kwizinto zehlabathi; ngenisa nje ihlabathi ngaphakathi nebandla.

119 Ngenye imini, ndisiza ukwehla ngendlela, ndavula unomathotholo wam. Kwaye kwakukho i—ingoma, kwaye ndaqhubeka ukuphulaphula, kwada kwafuneka ndithathe, phantse, ingoma yonke iyophela, ngaphambi kokuba ndibenokutsho ukuba ngengqiniseko yeyenkolo longoma, okanye umtyholi uzama ukuthobela izinto zikaThixo kwizinga lehlabathi. Akunakuyenza lonto! Thixo yiba nenceba!

120 Andikhathali ukuba mangaphi amacwecwe uElvis Presley awabhalayo, azo zonke ezilungileyo zenkolo iingoma. Usaphethwe ngumtyholi. Uthumele uninzi lwabantwana esihogweni, kunye nayo yonke imigushuzo endiyaziyo, kulo lonke ihlabathi kulomhla. UPat Boone kunye nabo bonke babo,

wayekade engowebandla lika Kristu; kunye noElvis Presley, umPentekoste; banguJudas Sikariyot, ekwimo yalomadoda. Usathana uzama ukuthoba izinto eziphezulu zikaThixo, khon'ukuze bakwazi ukuzixuba ezantsi *apha*. Abantu abasayi kukhangela phezulu ngaseNtla, *Lena*. Bajonga nje *apha*, bathi, "Kahle, konke kuyafana." Akufani. Phuma elizweni.

<sup>121</sup> Wathi, "Ningahamba nje okweentsukwana. Nize nihambe, nihlale elizweni." Ngokuqiniseka, wayesazi ukuba babeyakubuya. Ngoko wafumanisa ukuba oko akuyi kusebenza, ke wacinga okuthile okwahlukileyo. Wathi, "Ndiyakunixelela emanikwenze. Phumani niye naphina enifuna ukuya khona, kodwa shiyani bonke abafazi benu, bonke abantwana benu, nazo zonke iinkomo zenu, zishiyeke *apha*. Zishiyeni apha, nize nina niphume." Kuba, wayesazi babenezinto emva phaya, oko kwakuya kuphinda kubabuyise.

<sup>122</sup> Kwaye oko kuko umtyholi akuthethayo kuwe. Oko nje usayeke ezinye zezinto ezizezehlathi zijinge kuwe, usafuna ukutshaya, uyafuna ukusela, ufuna ukunxiba njengehlathi, oko kulunge kanye ngoluhlobo umtyholi afuna ngalo.

<sup>123</sup> Ndiva kakhulu malunga nokujibilika. Andikholwa ukuba kukho ukujibilika okuninzi njengokuba abantu becinga kukho. Bona nje bashiya impahla eninzi eYiphutha ukuze iphinde ibatsalele emva, yilonto nje qha. Imijibiliko emininzi ayisiyiyo lento bathi iyiyo. Ushiye okuninzi kwehlathi emva phaya, okuya kuyakuloba.

<sup>124</sup> Mzalwane, ndiyakuxelela, xa uSirayeli wayesele elungile, ezinzulwini zobusuku, babesele benazo zonke izinto ababenazo kwelihlabathi, ziqoqoshiwe kwaye zilungele ukuhamba.

<sup>125</sup> Thixo sithumelele invuselelo enjalo. Siqoqoshe yonk'into, size silungele ukuhamba. Umemezo lwasebusuku kukuza, "Phumani niye kuMkhawulela." Kuyakuba ngcono ube sele uqoqoshe yonke into. Kuyakuba ngcono ungabinanto, elihlabathi, likulobele emva, kwamisonto enokukugcina uphantsi. Qoqoshani. Masilungiseni. Siyahamba.

<sup>126</sup> Kwaye uyazi yintoni? Ndiyakuxelela, babenyaniseke kakhulu kuThixo, de uFaro waphakuzela ezinzulwini zobusuku, wathi, "Phumani! Phumani, nive endleleni. Thabathani konke okwenu, nihambe!"

<sup>127</sup> Ndivuyiswa kukuba umntu angaphila ngokusondele kangako kuThixo, de umtyholi angayazi nokuba makenzeni ngaye. Injalo lonto. Phumani! Hambani! Thobelani uThixo!

<sup>128</sup> Ngokholo, wabona isithembiso. Engumxovi-daka, okanye engengo mxovi-daka, wathabatha indlela yakhe kunye neleNkosi elichasiweyo iqaqobana. UFaro wathi, "Thabathani konke okwenu niphume niphela apha! Andikwazi emandikwenze ngani." Wayenyaniseke kangako kuThixo, ngokholo.

129 Ukholo luyakusebenza imimangaliso, ukuba uyakuhlala unyanisekile kuThixo. Ngokholo, siyaMbona.

Elethu ixesha liphelile; lidlule ixesha.

130 Kodwa, ngokholo, ngale ntsasa, phakamisa amehlo akho. Musa ukubona oko kukungqongileyo, elihlabathi lalemihla, kodwa jonga uze ubone Lowo Unike isithembiso. IBhayibhile ithi, “Asiboni zonke izinto ngokugqibeleleyo ngoku, kodwa siyambona uYesu.” Jonga kuYe, ngalentsasa, zaye iindela zakho ziyakuguqulwa.

131 Ngelithuba sithobisa iintloko zethu, okomzuzwana, ukwenzela ilizwi lomthandazo. Yanga iNkosi ingongeza ezaYo iintsikelelo kuwo uMyalezo.

132 Cinga entliziyweni yakho ngoku. Ingaba ubukade ukhangele kwizinto zehlabathi? Ngokholo, uyambona na uYesu? Ingaba ukhangele kolwakho udumo, elakho ibandla? Kwinto ubuyiyo ubume basekuhlaleni bakho kunye nelihlabathi? Okanye, ubona uYesu Othe, eselusizini, waZibeka ngakwesokunene isandla soseNyangweni Phezulu, Yena weva ubunzima bokufela inkolo, ilungisa lifela abangemalungisa? Ubungenakukhe uphakamise amehlo akho uze ubone laaMthi woBomi ngaphesheya? Ngoko, wushiye lomthi wenzulu-lwazi nolwazi, uze ukhonze Yena.

133 Ubungethandi ukukhunjulwa emthandazweni phambi kokuba ndithandaze? Phakamisa isandla sakho, usenzela sona nasiphi na isicelo onokuba unesidingo ngaso. UThixo akusikelele. Uyasibona sonke isandla sakho.

134 Ukuba ungumoni, phakamisa amehlo akho uze ukhangele ngoku. Ukuba ubusoloko ungunolowo ongakhathaliyo, ukuba ubukhe wabaneempixano ezincinane kunye nezincinane izinto, kwenza mahluko mni? Uyakufa ngenye yezimini. Ngeyipi imini? Mhlawumbi namhlanje! Akwazi. Iyure ukusuka ngoku, usenokuba sesihogweni, okanye usenokuba seZulwini. Kodwa kufuneka ukhethile ngoku. Ukuba kukho nantonina ebomini bakho engalunganga, khetha ngoku, ngokholo.

135 Uthi, “Kuhle, ukuba nje ndingakhe ndiphindise kuye! Ukuba ndingakhe ndiphindise kuye!” Akukhathaliseki nokuba babekwenze ntoni, khetha uBomi. Khetha uBomi.

136 Kuba, uYesu uthe, “Ukuba ngokusuka entliziyweni yakho awuxoleli wonke umntu isikreko sabo, ukwenjenjalo naye uBawo wenu oseZulwini ukunganixoleli.” Ke sondela nje kanjalo. Ukuba kukho noba inye ingcingane entliziyweni yakho ngokuchasene naye nokuba ngowuphi umntu, ongumoni okanye olilungisa, usengozini yowesihogo umlilo.

137 Ngoku phakamisa iliso lakho. Ubona ntoni, utshaba lwakho? Okanye, ubona uMsindisi wakho? Yintoni okhangele kuyo ngalentsasa?

<sup>138</sup> Ukuba uyagula, naye ugqirha wakho esithi awunako ukuphila, phakamisa iliso lakho, use emnqamlezweni, apho Yena walinyazwa ngenxa yezikrefo zethu, ngemivumbo Yakhe saphiliswa. Musa ukujonga koko ugqirha akuthethayo; yena usebenza kwinzulu-lwazi. Ukholo lusebenza kummango woMoya noThixo. Masicinge ngezizinto ngoku ngelithuba nisaphakamise izandla zenu. UThixo uzibonile.

Masithandazeni.

<sup>139</sup> Owu Thixo onguNaphakade, ekuzoleni kolunqulo ngoku, emva kokuba uMyalezo uphumile, musa ukuvumela ezombewu zelaKho iLizwi, Nkosi, ziwele kumhlaba olulwalwa. Musa ukuvumela uMyalezo, Nkosi, uwe phezu kobobo, ameva, ukuze amaxhala obubomi (njengoLote) abenokuwuminxa uphume, ekugqibeleni, ubengumlahlelwa ngaphandle. Kodwa, Owu Thixo osikelelekileyo, mawuwele kolungileyo, echumileyo imihlaba, kweziguqukayo iintliziyo. Kwakunye neyam, oku kwayo, Nkosi, ukuze sonke sibenako ukujonga ngekaThixo iglasi yokujonga, size silibone elichasiweyo Ibandla leNkosi uYesu, abantu abachasiweyo, indlela echasiweyo, kwaye singa singahamba kule izukileyo yona indlela.

<sup>140</sup> NjengoMoses, wayengazazi apho wayesiyakhona. Abantu babengazi apho babesiya khona. Babengayazi indlela amabayihambe. Bavela nje banduluka.

<sup>141</sup> Kwaye, Owu Nkosi Thixo, njengokuba eliculo limnandi kangaka lidlalwa, ngokholo siyalibona elo Lizwe likude. Makwenzeke kanye ngoku, ukuba amadoda nabafazi abalapha bangacingi ngako oko ihlabathi liyakukuthetha, okanye uhlobo abahamba ngalo. Banga bangavele nje baphakame emoyeni wabo, baze bahambe.

<sup>142</sup> UMoses walandela ukuKhanya, kwaza Kona kwamkhokelela kwilizwe lesithembiso. Engazi apho wayesiya khona, kodwa wahamba nje ekuKhanyeni, ukuya kuloomhlaba wawukhanya kunemini.

<sup>143</sup> Siphe, Nkosi, namhlanje, ukuba abaninzi apha bayakuhamba ekuKhanyeni kweSibhalo kunye nasebudlelwaneni bukaMoya oyiNgcwele, kwakunye neBandla; elona Bandla, elamaZibulo, iintsana ezisandula ukuzalwa iintsana ezamkele uKristu, zaze zazaliswa nguMoya oyiNgcwele, zikhokelwa nguMoya. Singa singahamba kobu budlelwane, sisonke, kwizinto zikaThixo, siMkhonza elubhaptizweni, ekuhloneleni ukufa kwaKhe, ukungewatywa, kunye novuko. Singa singaMkhonza kumyalelo waKhe, "Lindani eJerusalem nide nambathiswe aMandla avela eNyangweni." Singa singaMkhonza kwimpiliso eNgcwele, ukuthandazela abagulayo. Singa singaMkhonza kumthendeleko, ukuqhekeza isonka, ngobunye bentliziyo, sidlelana eLizwini likaThixo. Singa singaMkhonza kuzo zonke izimiso zaKhe eziNgcwele, lide

iLizwe libonakale. Siphe oko, Nkosi. Yiva umthandazo wethu, njengokuba sikunikela konke kuWe ngoku, eGameni leNkosi uYesu.

<sup>144</sup> Ngoku iintloko zethu zithotywiwe, ngokuzola, ngokucotha, masikhe nje sicule le ngoma. Ngoku olu lunqulo. Umyalezo udlule. Kungabikho bani umkayo. Zolani nje. Masinquleni.

<sup>145</sup> Umyalezo kukulungiswa. Cinga kwakhona ngoku oko ukwenzileyo, oko ubumelwe kukuba ukwenzile, oko kukwenze into oyiyo namhlanje. Yintoni ekwenza ukuba ugwebeke, namhlanje, kungokuba wenze into ethile ngezolo. Kuyakubayintoni ngomso? Yilungise namhlanje, kwaye uyakukhululeka ngomso. Yabona? Ufanelwe kukwenza ukhetho. Ungalwenza njani? “Ngokholo, ngoku ndiyeka yonke into. Ngoku ndiyayeka, kwaye ngamhla uthile ndiyakuya Ngaphaya.”

Ebuncwaneni elingaphaya,  
Sohlangana koluya luhl- . . .

Nqula nje iNkosi emoyeni wakho ngoku.

Ebuncwaneni elingaphaya,  
Sohlangana neliya lichasiweyo iBandla.  
(Lunzima uhambo, kodwa sohlangana ngeny’  
imini.)

Kowethu onobubele uBawo phezulu,  
Siyakunikela ngembeko yethu yendumiso,  
Ngenxa yesizukileyo isipho sothando lwaKhe,  
Kunye neentsikelelo ezingcwalisa awethu. . .

Kunye neleNkosi elicekisiweyo iqaqobana, ngokholo, ndiyakhetha.

Ebuncwaneni (ebuncwaneni) nga . . .  
(elingaphaya)  
Sohlangana koluya luhle unxweme;  
(elingaphaya)  
Ebuncwaneni (ebuncwaneni) elingaphaya,  
Sohlangana koluya luhle unxweme.

Kukho iLizwe eli . . .

Mnqule nje Yena. Olu lulo unqulo.

. . . ukholo endilubonayo,

Ngokholo ndenza okwam ukukhetha.

Owu, uBawo ulinde . . .

<sup>146</sup> Ndiyababona bonke abeNkosi ngaPhaya; uMzalwane uGeorge, uMzalwane uSeward, bonke abangcwele.

. . . thina indawo yokuhlala Phaya. (Ewe,  
Nkosi!)  
Ubumnandi . . .

<sup>147</sup> Uyise wakhe, uHoward, uEdward, bonke abangcwalisiweyo abahlobo abathabathe iNdelela, emva ngaphaya, kwilixa elide eladlulayo.

Ebuncwaneni (Ewe, Nkosi!) elingaphaya  
 (elingaphaya),  
 Sohlangana kolwanxweme luhle.  
 Siyakucula koluya luhl. . . (Owu Thixo!)  
 Eziluncuthu iingoma zabasikelelweyo, (Uzuko  
 kuThixo!)  
 . . . ukuhlupheka kungasekho,  
 Hayi ukukhalaza ngeentsikelelo zaleya  
 yokuphumla iNdawo.  
 Ebuncwaneni, obungaph. . . (obungaphaya)  
 Sohlangana koluya luhl. . .





*NGOKHOLO, uMOSES XHO58-0720M*  
(By Faith, Moses)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham washunyayela kusasa ngeCawa, ngoJulayi wama-20, 1958, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2017 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)